Isalathiso: 20201001-8367
Inombolo yefayili: 13/9/2
Imibuzo: NF Sobetwa-Magodla

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0015/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBaququzeleli be*FET*, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*)

Isihloko: Iprothokholi emalunga nokubhalwa koviwo lwangoNovemba 2020 engokuthotyelwa kweemfuno ezingummiselo ze*COVID-19*

1. Ukufika kobhubhane i*COVID-19* kunyanzelise imfuno yokulandelwa kwenkqubo eyahlukileyo kweyesiqhelo, kulawulo nasekuphathweni kweemviwo zikazwelonke. Kunyanzelekile ukuba amagosa athweswe uxanduva lokuqhuba nokulawula ukubhalwa kweemviwo aqinisekise ukuba kunikwa ingqwalaselo imiqathango yokulumkela okungekehli enenjongo yokukhusela amagosa nabaviwa ekusulelekeni *yiCOVID-19* kuwo onke amaziko okubhalela iimviwo.

2. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (iSebe i*DBE*) liqulunqe i-***Protocol on the writing of the 2020 November examination in compliance with the COVID-19 requirements*** ukunika izikolo namaziko okubhalela iimviwo izikhokelo ezizodwa emazilandelwe ngethuba lokubhalwa kweemviwo zangoNovemba 2020. Le prothokholi iqhotyoshelwe kule ngcaciso imfutshane **njengesiHlomelo A**.

3. Le prothokholi mayifundwe kunye noxwebhu i-***Standard Operating Procedure (SOP) for the containment and management of COVID-19 for schools and school communities***, ekhutshwe liSebe i*DBE*, ngomhla we-31 Agasti 2020, efumanekayo kwiziko lewebhu leSebe i*DBE*. Kunokungenwa kuxwebhu i*SOP*, kusetyenziswa le linki ilandelayo: https://bit.ly/3n2eyib.

4. Kucingelwa kwakhona ukuba kwiimeko apho isikolo sisetyenziswa njengeziko leemviwo, uxwebhu i-***SOP for the containment and management of COVID-19 for schools and school communities***, luyalandelwa yaye ke ngoko okuqulethwe yile prothokholi kuya kugxininisa iimfuno ezingummiselo ezithile yaye kuya kubonisa iimfuno ezingummiselo ezongezelelweyo ekufuneka zithotyelwe. Kwiimeko ezithile apho iziko leemviwo lingesiso isikolo esisebenzayo, kusemagxeni omgadi wabaviwa oyintloko kwiziko elo ukuqinisekisa ukuba i-***SOP for the containment and management of COVID-19 for schools and school communities***, ilandelwa ngokungqongqo.

5. Makuqatshelwe kwakhona ukuba le prothokholi engokubhalwa koviwo ayithathi ndawo yemimiselo i-***Regulations pertaining to the conduct, administration and management of assessment for the National Senior Certificate examination*** (efakelwe izilungiso), epapashwe kwi*Gazethi kaRhulumente* No. 31337 yowe-29 Agasti 2008, engumthetho osisiseko olawula ukuphathwa nokulawulwa kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) (*NSC*)).

6. Kucelwa iinqununu/abagadi babaviwa abaziintloko ukuba benze oku kulandelayo:

6.1 Kusekwa ikomiti yokuhlola ye*COVID-19* ekhokelwa lilungu lekomiti yabaphathi abakhulu okanye ngutitshala oneqhuzu (*senior management team or senior teacher*).

6.2 Iziko lokubhalela iimviwo lilungiselelwe ngokupheleleyo ukwenzela ukuba lizithobele iimfuno ezingummiselo ze*COVID-19*.

6.3 Ikomiti ejongene nokugada abaviwa ixhotyiswe ngokupheleleyo ngeprothokholi elandelwa xa kuqhutywa uviwo.

6.4 Bayaziswa ngokuqulethwe sesi sikhokelo abazali babaviwa ababhalisele uviwo lwangoNovemba 2020.

7. Kucelwa iinqununu ziqinisekise ukuba kuxoxwa ngayo iprothokholi eqhotyoshelwe apha nabo bonke ootitshala nabafundi abachaphazelekayo ukunciphisa umngcipheko wokunwenwisa kwe-*COVID-19* ngethuba lokubhalwa kweemviwo ze*NSC* zango-2020.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-10-06